# Ubomi basetipini

UVusi yinkwenkwana ekhule iziphilisa ngezinto ezifumana etipini. Akanabo obunye ubomi abaziyo ngaphandle kobo basetipini. Akayazi ukuba mingaphi iminyaka yakhe. Umakhulu uMiyeta uyiqikelele phakathi kweshumi elinanye ukuya kwishumi elinambini. Ungumtwana omncinane ngomzimba kwaye uneentloni.

Ngamanye amaxesha ebesithi xa eqhuba inqwelwana yakhe endala esiya kuthengisa iibhotile neetoti edolophini, aqhulwe ngamakhwenkwe amadala asedolophini. Bebedla ngokwenza intlekisa ngekepusi yakhe emdaka eyayisakuba mhlophe ngexesha layo. "Jongani nantso isiza ikivithi, khawujonge loo milenzana ibhityileyo yayo. Bhabha ntaka! bhabha ntaka!" Ayemqhula atsho loo makhwenkwe.

UVusi ebengaphenduli kodwa asuke abaphephe. Imadlana ayifumeneyo ebedla ngoku yifihla ezihlangwini zakhe. Ebethanda ukuzithengela isoseji ebomvu, iziqhamo nesonka aphathele umakhulu uMiyeta ukuze enze iisametshi.

Ngamanye amaxesha xa enemadlana eseleyo ebezithengela isiselo. Bunzima kakhulu ubomi bokuphila ngezinto zasetipini. UVusi wayenxiba iimpahla ezilahliweyo.

Ubungafika egrumba ezongxowana zimnyama nezo ziqhun-yana zenkunkuma etshayo. Ebechachatheka kakhulu yingqele ebusika. Imvula ibisithi yakufika kuloo manx-etyana nezozilonda ezikulo milenzana itshise kabuhlungu.

Linwele zakhe zazinuka umsi, izandla zakhe ziineentanda kukugrumba loo nkunkuma. Wayenxiba izihlangwana ezidala. Ngenxa yobukhulu bazo, kwakunyanzeleka ukuba azihlohle amalatshana ukuze zimlingane. Izihlangu ezininzi bezingabinabo oomati kuba bebeduka kuloo nkunkuma ifunjiweyo. Umnqweno kaVusi wawungowokuba abantu bazidibanise baziqhine ngemitya izihlangu xa bezilahla. Yimini yecawe namhlanje. Usuku lwangeCawe lusuku olukhethekileyo nasetipini. Imililo enevumba elinukayo sele iyeke nokuvutha. Oogandaganda abatyhala inkunkuma bemile abenzi ingxolo. UVusi ngolu suku naye akaqhubi nqwelo yakhe kuloo hola wendlela osinga edolophini.

Bonke abantwana abahlala kumkhukhu kamakhulu uMiyeta bayancedisana besenza isuphu ngembiza enkulu emnyama. Eyonanto bayonwabela kakhulu kuxa becula kunye ingoma abazifundiswe ngumakhulu uMiyeta.

Enye inkwenkwe endala idla ngokukhalisa ikatala.

UVusi yena ebedla ngokukhalisa igongqo elizigaloni ezingamashumi amane. Babesitsho ngengoma emnandi kunene.

# Umhlobo ogama lingu Molo

Kukho into engaqhelekanga namhlanje. Inkabi yebhokhwe emhlophe ehlala etipini  yayingabonakali ndawo. UVusi wayeyithanda kakhulu le bhokhwe. Wayipha igama elinguMolo kuba yayisoloko ingathi iyabulisa rhoqo kusasa xa ihlangana noVusi kwezo ngqumba zenkunkuma.

UMolo wayenabo ubundlobongela, wayengavumeli nabani na ukuba ambabe ngaphandle kukaVusi. Babechitha iintsuku zonke kunye. Ebesithi uVusi akufumana into ayiphakamise ayibonise uMolo. Jonga Molo esiskipa esibomvu esikhulu sinamaqhosha aseleyo, uyasithanda?” watsho uVusi.

UMolo wajonga ecaleni ngaloo mehlo akhe amthubi. UVusi wayeqinisekile ukuba uyamphendula. “Hayi, Vusi, andinanto ndizakuyenza ngesosikipa sibomvu. Mna ndifumene amaxolo amnandi epayinapile nale kawusi indala” watsho uMolo exhuma - xhuma egrumba apha naphaya. Ebesima encochoyini yeengqumbi zenkunkuma ngathi zezakhe.

“Ngenye imini sizakuyipheka la bhokhwe,” walumkisa watsho umakhulu. Kodwa uMolo uyindlobongela akunakuba lula ukumbamba. Usuka ashukumise intshebe yakhe aye kude lee.

UVusi wayexhalabile ekhangela uMolo. “Ingaba ukhona umntu ombambileyo wampheka kusini na?”, wazibuza watsho uVusi. Wakhangela kuyo yonke itipu kodwa akamfumana.  “Molo, Molo, bhokhwe ndini, uphi?” wayexhalabile uVusi.

“Yizokutya ukutya kwakho wena kuzakuphola” wakhwaza watsho umakhulu.

## UMolo usengozini

Ngosuku olulandelayo uElvisi umqhubi wogandaganda otyhala inkunkuma wafumana uMolo elele ngaphantsi komatshini. UVusi wayecinga ukuba ufile.

Kodwa wathi akumchukumisa empumlweni, wavula amehlo uMolo, wathimla. Kwakukho ugwebu  emlonyeni wakhe.          Imilenze yakhe nayo yashukuma.

“Hayi kuphelile ngale ibhokhwe,” watsho uElvisi. Wakhwela kugandaganda wachukumisa injini yawo.

UVusi wacinga icebo. Wayesazi ukuba edolophini ukhona ugqirha wezilwanyana okwaziyo ukuphilisa izilwanyana ezigulayo. “Khawundincedise sikhwelise uMolo kule nqwelana yam, ndiyakucela Elvisi torho,” wacenga watsho uVusi. “Hayi, libala, loo bhokhwe iza kufa.”

Wehlika ke uElvis kugandaganda waphakamisa uMolo wamfaka kuloo nqwelo. UMolo washukuma nje engenamandla, emva koko walala ezolile. Iimpuphu zakhe ezigcwele udaka neempondo zakhe zaziphume ngaphandle apha enqweleni.

UVusi waqalisa uhambo lwakhe olude. Amavili enqwelo ayemancinci exinga kuloo nkunkuma yasetipini. UMolo uyibhokhwe enkulu esindayo. Abanye abantwana bazama ukumncedisa uVusi ukuze ade afike kuhola wendlela. Wabaleka uVusi akufika kuhola wendlela engazibali indawo ezinyukileyo nezo zihlayo. Ekugqibeleni wade wafika uVusi edolophini.

Phambi kwakhe kwakukho abantu, iimoto  neevenkile. Kwakufuneka elwile ukuze akwazi ukudlula nale nqwelo kuloo ngxinano. Abantu babesuka baphele yintsini bakumjonga. Esaqhuba njalo wagagana nala makhwenkwe asedolophini angevayo.

Ayengafuni ukuba adlule. Babesenza intlekisa.

“Nanko esiza uKhivithi. Ingaba ngumntakwenu lowo usenqweleni? Singamtyhala simfake ezimotweni?” uVusi waziva efudumala ngumsindo.

“Sukan’endleleni yam” wakhwaza watsho. Ilizwi lakhe lalilikhulu. Wayengenguye laa Vusi uneentloni.  Loo makhwenkwe asileyo awabona amehlo akhe ekhazimla. Oyika, athula asuka nasendleleni. UVusi wayityhala ngamandla inqwelo yade yangathi izakwaphuka.

Kude kufuphi yayibonakala indlu enkulu emhlophe enombhalo egadini. UVusi wayengakwazi ukufunda umbhalo osebhodini.” Ingaba le yindawo kagqirha wezilwanyana?”, wabuza kumntu odlulayo.

Wavuma ngentloko usisi odlulayo ekhomba umnyango olu-hlaza.

## Umlindo omde oxhalabisayo

Ugqirha onobuntu ogama lingu Naidoo wajonga uMolo wahlunguzela intloko.

“Le bhokhwe itye into enetyhefu. Asiyazi ukuba luhlobo luni lwetyhefu eyityileyo. Kuzakufuneka sizame ukuyisindisa kodwa uze ungalindeli lukhulu,” watsho ugqirha.

UVusi wayediniwe ngokwenene. Wahlala esitupini izandla zakhe ezibeke ebusweni. Imini yonke abantu babesizisa izilwanyana zabo ukuba zinyangwe.

Kwakukho iikati ezifakwe ezingobozini, izinja ezincinane nezinkulu, isikhwenene esasibekwe egxalabeni ngumnini-so. Nditsho nkqu iinyoka eziphethwe ngezingxotyana ze-khotini.

Kwakungekho namnye ozise ibhokhwe. Abanye abantu babe nxibe iimpahla ezintle nezilwanyana zabo zicocekile. Zazinxityiswe izinto zokuhomba emiqaleni nobucwebe-cwebe begilasi. Abantu babemjonga uVusi bacezele kude naye ngokungathi bathi umdaka. Kwakusekurhatyela ngexesha ugqirha uNaidoo ephuma efuna uVusi. Wayen-xibe idyasi engathi imnyama ngaphezulu kwaleyo yakhe imhlophe. Wayekhangeleka ediniwe.

“Kuzakufuneka ukuba siyigcine le bhokhwe apha esibhe-dlele. Likhona noko ithemba.”

Wajonga ku Vusi wambuza, “uhlalaphi ke wena?” UVusi wamxelela ngetipu nangomakhulu wakhe u Miyeta naba-nye abantwana nangetyotyombe labo elenziwe ngeepali, ucingo neeplastiki.

“Ndiyacinga ukuba ukhona umntu ongakunceda kule ngxaki ukuyo.” Watsho ugqirha uNaidoo.

Ugqirha uNaidoo waye funa ukumdibanisa uVusi nono-ntlaontle ogama lingu Ana. Waye nobuntu. Wamthatha uVusi nenqwelana yakhe wagoduka naye ukuze achithe ubusuku naye.



UVusi wahlamba kwistya sokuhlambela esinamanzi acocekileyo anesepha, esebenzisa isiponji. Wazihlamba iinwele zakhe ngeshampu emenyezelayo, wawosula umzimba wakhe ngetawuli e-orenji. Waziva enuka kamnandi okokuqala ebomini bakhe. Wanxiba nempahla aziphiwe ngunontlalontle u-Ana.

UVusi walivuyela kakhulu isekeni lakhe lejini netreksuti yakhe emzuba nangona yayinabo ubukhulwana. Isidlo sasebusuku yaba ngamaqanda agcadiweyo, itumata, isonka samasi, amagqabi akramzayo kunye nezonka ezininzi.

Uvusi wathabatha imela nefolokwe. Wayelambe kakhulu erhalela ukukufaka konke oko kutya emlonyeni wakhe ngaxeshanye. Kodwa umakhulu uMiyeta wabafundisa indlela eyiyo yokuziphatha xa batyayo. Esaqhubeka njalo wacinga ngoMolo olele esibhedlele. Waphela umdla wokutya kuye.


Wagquma ubuso bakhe ngezandla walila. “Owu, usizana olu nguMolo luzakufa,” walila watsho uVusi. Wamthuthuzela unontlalontle u-Ana wamgona. “Sizakumbona ngomso, musa ukukhathazeka. Ungugqirha okrele-krele uNaidoo uzakwenza konke okusemandleni akhe.”

“Itipu ayibi yiyo ngaphandleni kuka Molo.”
Wakhalala uVusi.

## Isiqalo esitsha

UMolo wahlala esibhedlele kangangeveki. Wayebuthathaka kodwa wazama ukungcambaza engceni. Kwenzeka nezinye izinto ezintle. Unontlalontle u-Ana watyelela umakhulu uMiyeta nabanye abantwana etipini ukuze abafunele indawo eyiyo yokuhlala.

Uvusi waya esikolweni. Utitshala wamxelela ukuba ngokukhawuleza naye uzakulingana nabanye abantwana. Ngexesha lakhe uVusi ebeziqokelela iibhotile neetoti azithengise ukuze abenemali.




Umakhulu wayehlala kwelinye ikhaya nabanye oo-makhulu abathathu. Abantwana bona babenamagumbi angawabo amabini. Ngezinye imva kwemini xa kuphume isikolo nesoka uVusi ebesiya kubo abatyelele.

UVusi ebesiya nakuMolo ohlala kwindawo egcina izil-wanyana.  Le ndawo ibinengca entle. UMolo wayehlala nezinye ibhokhwe ezintlanu. UMolo ebekhupha intloko yakhe ngaphandle kocingo ukuze uVusi amonwaye. Ingaba wonwabile ngoku Molo?

Ngoku unokutya neemazi ezintlanu abahlanu. Akukho nomntu okuzingelayo ukuze akupheke.

UMolo washukumisa intshebe yakhe waqoba imehlo wabangathi uthi: “Ubumdaka abusoze buphinde busibone Vusi.”

Wabaleka etakataka kulo ngca intle umsila ewuphakamisile, uboya bakhe obumhlophe bubengezela.

